




# UDada noHobe

Nwabisa Dumela  
Tebogo Matshana





“Tswi! Tswi! Tswi!”

“Kwa! Kwa! Kwa!”

“Da! Da! Da!”

UDada nomhlobo wakhe uHobe badibana  
echibini ababeqhele ukudibana kulo kufutshane  
nomlambo.



Yaye iyimini eyayishushu kakhulu. UDada wangena emanzini. UHobe wacinga wathi, "Ingathi kumnandi ukudada."

"Hobe, uyakunqwenela ukudada?" wabuza uDada emana ukutshonisa intloko emanzini.

"Yiza ndikubeleke, ndikufundise ukudada," watsho uDada.



UHobe wabhabhela emthini xa kufika ixesha  
Iokuba atshonise eyakhe intloko emanzini.


UHobe wacinga elusizi, "Andisokuze ndikwazi  
ukudada njengoDada."

Washiyeka yedwa uDada apho emanzini.



“Owu yhini Hobe! Undityhafisela ntoni? Kutheni undishiya ndodwa nje emanzini? Bendicinga ukuba uyakubawela ukudada njengam,” wakhalaza uDada.


“Ndoyika ukurhaxwa,” waphendula uHobe.  
“Bendicinga ukuba ufunu ukufunda ukudada njengam,” utshilo uDada.



"Tswi tswi tswi! Dada, nam mandikufundise ukubhabha."

Shwiii! Wabhabha uHobe waya kuthi ngcu elityeni elikhulu. Walandela uDada.

Kusenjalo, nanko uHobe phezulu emthini omde. Washiyeka uDada enomsindo kuba engakwazi ukulandela.



"Hayi bo! Kutheni uHobe engandicingeli nje?  
Ndilidada, andiyontaka. Ndiqhele ukudada.  
Andikuqhelanga ukubhabha," wazicingela  
uDada enomsindo.


UHobe wamvela umhlobo wakhe uDada, wehla  
emthini.



Bahlala phezu kwelitye bajongana bethe cwaka.

Ekugqibeleni, wathi uHobe, "Mhlobo wam,  
namhlanje ndifundile ukuba andisokuze  
ndidade njengawe.

Nawe ngokunjalo, akusoze ubhabhe njengam.  
Mna ndiyabhabha, wena uyadada." Bagonana  
abahlobo.



"Singamadada, thina singamadada.  
Siyakuthanda ukudada. Xa sidada edamini,  
sitshonisa iintloko, siphume sele sisithi, 'Kwaa  
kwaa kwaa gxadada! Kwaa kwaa kwaa  
gxadada!"'

"Khanikhangale ezo ntakana. Ziphaphazela  
ngamaphikwana zithi, 'Tsiyoyo, tsiyoyo, tsiyoyo!"'



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



**basic education**

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

*The Ulwazi Lwethu readers and storybooks have  
been quality assured and approved by DBE.*

Your attribution should include the following:

**Title:** UDada noHobe

**Author/s:** Nwabisa Dumela

**Translator/s:** Nwabisa Dumela

**Illustrator/s:** Tebogo Matshana

**Assurer/s:** Bulelwa Nokele, Angelinah Dazela

**Language:** isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2025 (Updated Edition)

**CC BY** includes the following elements:

**BY** – Credit must be given to the creator

